Isalathiso: 20161111-6041
12/12/41/P
Imibuzo: IZiko leeFoni

ISetyhula: 0048/2016
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya : KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo

Isishwankathelo esifutshane: *Isikhokelo esingokuhambelana mbo neemfuno zesiqendu 38A soMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, ka-1996 (uMthetho 84 ka-1996).*

ISihloko: Ukuhambelana mbo nemigqaliselo (*prescripts*) yesiqendu 38A soMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, ka-1996 (uMthetho 84 ka-1996)

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*) linqwenela ukwazisa zonke izikolo zikarhulumente ngemigqaliselo (*prescripts*) yesiqendu 38A soMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, ka-1996 (uMthetho 84 ka-1996).

2. Ngesi sizathu, iSetyhula 0011/2004 neSetyhula 0039/2004, eziqhotyoshelweyo, zowe-18 Februwari 2004 nezowe-09 Agasti 2004, ngokulandelelanayo, zisasebenza yaye kufuneka zisetyenziswe kunye nenkqubo yokusebenza i-*Application Procedure* njengoko ichaziweyo ngokwe-*SASA* ukuqinisekisa ukuhambelana mbo nemimiselo.

3. Ngaphezulu, kucelwa uqaphele izilungiso ezenziwe kule nkqubo ichazwe ngentla eyi-*Application Procedure*, ngokukodwa ingongoma 1.4, ukuqinisekisa ulawulo olululo nokuhambelana mbo nomgaqo njengoko uchaziweyo kwi-*SASA*.

4. Kucelwa uqaphele ukuba umhla osikiweyo ngo-2017 wokungeniswa kwezicelo eziphathelele kwisiqendu 38A ngowe-**15 Disemba 2016**. Emva koko, izicelo mazingeniswe ungadlulanga owe-15 Disemba qho ngonyaka okanye ngoLwesihlanu wokugqibela waloo veki ichaphazelekayo, ukuba umhla we-15 Disemba uwela kwimpela-veki.

5. Kucelwa wazise okukule setyhula bonke abathathi-nxaxheba abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU- L ELY
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO EBAMBELEYO
UMHLA: 2016-11-18